



Isalathiso: 20160426-9847

16/4/5/4

Imibuzo: I Carolus

ISetyhula: 0019/2016

Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli nakumaSekela Balawuli

Isishwankathelo esifutshane: *Amakhefu elantshi ahlukaniweyo (staggered lunch breaks) kubasebenzi abasezi-ofisini eGrand Central Towers, kwaNdlunkulu*

Isihloko: Ukuvunywa kwamakhefu elantshi ahlukaniweyo (staggered lunch breaks) kubasebenzi abasezi-ofisini eGrand Central Towers, kwaNdlunkulu

1. Ngomhla we-02 Meyi 2013 kwaziswa abasebenzi abasezi-ofisini abasebenza ngeeyure zomsebenzi zesiqhelo ukuba kuvunyiwe ukwahlukaniswa kweeyure zomsebenzi ngeSetyhula 0017/2013.
2. Ngenxa yemingeni ethe yakho kungokunje eGrand Central Towers, ngokubhekiselele kumba wokusebenza kweelifti, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (ISebe iWCED) likuthathele ingqalelo ukwamkelwa kwalo mgaqo-nkqubo ngokumalunga namakhefu elantshi ahlukaniweyo emva kokuthethana nabo bonke abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo. Eli phulo liya kuncedisa ekunciphiseni ukuhambahamba kwabasebenzi okubangela ingxinano apha ngaphakathi kwiSakhiwo iGrand Central Towers Building.
3. Ukulungiselela ukusebenza kakuhle kwale nkqubo, amakhefu elantshi ahlukaniweyo aya kuqaliswa ukususela nge-03 Meyi 2016 ngolu hlobo lulandelayo:

Abaqeshwa	Amakhefu elantshi
Abakumgangatho we-10 ukuya kowe-11	12:00 – 12:30
Abakumgangatho we-8 ukuya kowe-9	12:30 – 13:00
Abakumgangatho we-2 ukuya kowe-7	13:00 – 13:30

4. Bayacelwa abasebenzi abakwimigangatho echaphazelekayo baqinisekise ukuba bayilandela nqo injongo yala makhefu elantshi ahlukaniweyo, ukwenzela ukuba kubekho iziphumo ezisebenzayo.

ISAYINWE: NGU-P A VINJEVOLD

INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO

UMHLA: 2016-03-23